Isalathiso: 20210524-3224
Inombolo yefayili: 12/2/8/17/1/2
Imibuzo: K Lackay

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0004/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabezikolo zezakhono

Isihloko: Ukungqinisiswa nokuqinisekiswa kwabafundi abasebenzisa iZikim zoThutho lwaBafundi (*Learner Transport Schemes*) (*LTSs*)

1. Amagama neendawo ekulayishwa kuzo abafundi kwizikolo zikarhulumente abagunyazisiweyo ukuba basebenzise iSkim soThutho lwaBafundi (*LTS*) esixhaswa ngemali liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), bafakwa kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS* ngokuqhubekekayo.

2. Ngalo naliphi na ixesha abafundi baye bamkelwa baza bagunyaziswa ukuba basebenzise ii-*LTS*, amagama eendawo ekulayishwa kuzo abafundi afakwa kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS* ngamagosa ajongene noko kwaNdlunkulu.

3. Ukungqinisisa ukuchaneka kweenkcukacha zabafundi kwiziko ledatha le*LTS* kwi-CEMIS, iSebe i*WCED* liqhuba inkqubo yokungqinisisa nokuqinisekisa iinkcukacha zabafundi neendawo abalayishwa kuzo abafundi abagunyazisiweyo abasebenzisa ii-*LTS* kwindlela echaziweyo ye*LTS* esikolweni.

4. Zonke izikolo zikarhulumente ezinee*LTS* exhaswa ngemali liSebe i*WCED,* ukwenjenje ziyacelwa zithelekise amagama abafundi abasebenzisa ngoku iskim se*LTS* esixhaswa ngemali liSebe i*WCED* ezikolweni, namagama abafundi afakwa kwikhompyutha kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS*.

5. Xa kujongwa iinkcukacha zabafundi eziboniswe kwi*CEMIS* kungafunyaniswa oku lulandelayo kungekho mgaqweni:
    - Abafundi abasebenzisa kungokunje isikim sothutho lwabafundi kodwa amagama abo angabhalwanga kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS*, okanye
    - Abafundi abangasasisebenzisiyo isikim sothutho lwabafundi kodwa abanamagama abhaliweyo kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS*.

6. Ukwenzela ukuba kungenwe yaye kujongwe ingcaciso yabafundi kwindlela nganye kwi*CEMIS*, le nkqubo ilandelayo mayilandelwe:

   - Ngena kwi*CEMIS*.
   - Kwikhasi lemenyu, yalatha i-*cursor* kwisihloko esithi "*Administration*". Kuya kuvela uluhlu olukhethwayo lwe-"*Learner Transport*" *option* kwi-*drop down list*.
   - Yalatha i-*cursor* kuluhlu olukhethwayo "*Learner Transport*" *option* yaye kuya kuvela ii-"*Capture Screens*" kwi-*drop down list*.
   - Klikha kwii-"*Capture Screens*".
   - Kwiskrini esilandelayo, klikha ku-"*Proceed*" ungalikhethi ibakala.
   - Kwiskrini esilandelayo, klikha ku-"*Summary Section*" ukhethe inombolo yendlela echaphazelekayo.
   - Kuya kuboniswa uluhlu ngoku apho kukho abafundi abagunyazisiweyo kwindlela leyo ikhethiweyo.

   Kunokuqhagamshelwana noMnu Andre Lakey ku-021 467 9924 okanye apha Andre.Lakey@westerncape.gov.za ukuba ufuna uncedo xa ungena kwi*CEMIS*.

7. Kucelwa uzalise isiHlomelo A, ukungqinisisa ukuba ngaba iinkcukacha zabafundi ezikwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS* zichanekile na okanye akunjalo.

8. Xa kunokwenzeka ukuba kube yimfuneko ukuba iinkcukacha zabafundi neendawo abathathwa kuzo zihlaziywe kwi-CEMIS, kucelwa kuzaliswe isiHlomelo B ngokunjalo ukuchaza:

   - Igama, ifani, ibakala, inombolo ye*CEMIS,* neendawo abalayishwa kuzo abafundi abayisebenzisayo i*LTS*, kodwa abanamagama abo angaveliyo kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS, okanye*

   - Igama, ifani, ibakala, inombolo ye*CEMIS,* neendawo abalayishwa kuzo abafundi abangasasisebenzisiyo isikim sothutho lwabafundi

9. Kucelwa, uskene uze ungenise amaxwebhu azaliswe ngokupheleleyo achaphazelekayo ukwenzela ukuba aqwalaselwe ngu-Andre Lakey apha WCEDLTS@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-18 Juni 2021**.

10. Akuba efunyenwe la maxwebhu akhankanywe ngentla, iinkcukacha zabafundi abangasasisebenzisiyo isikim sothutho lwabafundi *(LTS)* baya kususwa kwiziko ledatha le*LTS* kwi*CEMIS* yaye iinkcukacha zabafundi abakufaneleyo ukuthuthwa zinokuhlaziywa kwi-*CEMIS*.

11. Luya kuthakazelelwa uncedo lwenu ngalo mba

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2021-06-02